

**NguMongameli
Dieter F. Uchtdorf**
ISekela LeSibini
kwisiMongameli SokuQala



IKomfa YaJikelele— Asiyo Ntsikelelo Iqhelekileyo

Ilungu leCawa elihle lalincokola nommelwane owayengenguye owenkolo yethu. Xa intloko yengxoxo yayika yaba ngekomfa yajikelele, ummelwane wabuza, “Uthi ninabaprofeti kunye nabapostile? Kwaye kabini ngonyaka kwikomfa yomhlaba wonke jikelele bathyila ilizwi likaThixo?”

“Kunjalo ngqo,” ilungu laphendula ngokuzithemba.

Ummelwane wayicinga lento ngomzuzu Wayebonakala enomdla wenene kwaye emva koko wabuza, “Batheni kwikomfa yajikelele edlulileyo?”

Ngaloo mzuzu ilungu elilungileyo leCawa layeka ukuba nemincili ngokwabelana ngevangeli waphathwa ziintloni. Wazama kangangoko, zange acinge ngencukaca zayo nenyentetho.

Umhlobo wakhe wayifumanisa lento ihlupha kwaye wathi, “Uthi uzama ukundixelela ukuba uThixo uthe-
tha nabantu ngeentsuku zethu kwaye wena awukwazi ukukhumbula ukuba Utheni?”

Umzalwane waziva elulanyiwe yile ncoko. Wazithembisa ukuba uyakukwenza ngcono ukukhumbula amazwi athethwa ngabakhonzi beNkosi kwikomfa yajikelele.

Sonke siyayazi ukuba kunzima kangakanani na ukukhumbula yonke imiyalezo yekomfa yajikelele.

Kwaye Ndithembile ukuba akufuneki ukuba sibeneentloni ukuba asikhumbuli yonke into. Kodwa, kukho imiyalezo kukwikomfa nganye nganye yajikelele enikwayo njengesipho kunye nentsikelelo evela ezulwini eyenzelwe kanye kanye iimeko zomntu ngamnye.

Ekulungiseleleni ikomfa yajikelele, mandinicebise ngeembono ezimbini ezinokusinceda ukuba sikwazi bhetele ukwamkela, ukukhumbula, kwaye nokwenza amazwi athethwa ngabakhonzi beNkosi.

1. Amalungu eCawa anegunya lokufumana isityhilelo esisesabo xa bemamela kwaye bafunde amazwi athethwayo kwikomfa yajikelele.

Xa ulungiselela ikomfa yajikelele, Ndiyakumema ukuba uzikise ukucinga le mibuzo ekufanele ukuba uyiphendulile. Umzekelo, ungalangazelela inkokhelo evela eNkosini ngamahlandenyuka obomi ojongene nawo.

Iimpendulo zemithandazo yakho zingaphuma kwintetho ethile okanye ziphume kwizibinzana esithile. Ngamanye amaxesha iimpendulo zingaza ngamagama okanye izishwankathelo okanye ingoma ezingahambelaniyo. Intliziyo egcwele ngumbulelo weentsikelelo

zobomi kwaye nomnqweno onyanisekileyo wokuva kwaye nokulandela amazwi engcebiso iyakukulungiselela ukufumana esakho isityhilelo.

2. Ungakhawulezi urhoxise umdla wakho ngokuva umyalezo uqhelekile.

Abaprofeti basoloko befundisa ngokuphinda phinda; ngumthetho wokufunda. Uyakuva uphinda phindo kwiizihloko kunye neemfundiso neemfundiso kwikomfa yajikelele. Mandiniqinisekise: oku akukho ngenxa yokuba asinamfanekiso ngqondo onomtsalane kunye nentekelelo yemibono yengqondo. Siyaqhubeka ukuva imiyalezo enemixholo efanayo ngokuba iNkosi isifundisa kwaye ibethelela ezingqondweni nasezintli-ziyweni zethu imigaqo ebalulekileyo kakhulu kwi-phakade ekufuneka iqondiwe kwaye yenziwe phambi kokuba siqhubekeke nezinye izinto. UMaKhi onobulumko uqala ngokubeka isiseko phambi kokumisa amadonga kunye nophahla.

3. Amazwi athethwa kwikomfa yajikelele kufanele ukuba abeyikhampasi esilathisa indlela kwezinyanga zizayo.

Ukuba simamela kwaye silandele iimpembelelo zoMoya, ziyakusebenza njenge Liyahona, esikhokelayo kwizinto esingazaziyo, kwiintlambo nasezintabeni ezinzima eziphambi kwethu (bona 1 Nifayi 16).

Ukusukela ekuqaleni kwehlabathi, uThixo unyuse abaprofeti abathetha intando yezulu ebantwini bexesha labo. Ngumthwalo nomsebenzi wethu ukumamela kwaye ze emva koko senze abakuyalelayo emiyalezweni iNkosi esinika yona.

Our merciful and loving Heavenly Father has not forsaken and will not forsake His children.

Onenceba nothando uBawo Wethu Wasemazulwini akanolahla nokulahla abantwana bakhe. Namhlanje kwaye nakwixesha elidlulileyo, Useke abapostile naba-profeti. Uyaqhubekeka ukubatyhilela ilizwi Lakhe.

Le yokuba sive imiyalezo kaThixo umntu ngamnye kwikomfa lajikelele lithuba eliyintsikelelo elihle kakhulu! Masizilungiselele kakuhle ngale ntsikelelo inkulu kakhulu yenkokhelo yezulu eziswa kuthi yizinceku Zakhe ezikhethiweyo.

Ngokuba le ayo ntsikelelo iqhelekileyo.

UKUFUNDISA NGALOMYALEZO

- Funda eli cwecwe lonke. Khuthazani usapho ukuba lichaze izinto ezifanelwe ukumamelwa ngexesha lekomfa yajikelele.
- Ukunceda abantwana abancinci ukuba benze ingcebiso enikwa nguMongameli Uchtdorf, babonise itshati yobuBingeleli negunya (efumaneka kwi ncwadi i *Liyahona*). Bavumele ukuba bayazi into yokuba isiMongameli sokuQala kunye neQumrhu labaPostile bazakube bethetha kwi komfa yajikelele. Khuthaza abantwana ukuba bamamele kwikomfa yajikelele kwaye bazobe umfanekiso ukubanceda ukuba bakhumbule abakufundileyo. Abazali bangandwendwela e conferencegames.ids.org ukufumana ezinye iinkqubo zekomfa yajikelele zabantwana.

ULUTSHA

Okulungileyo, Okulunge bhetele, Okulunge Kakuhle Kakhulu

NguMariya-Celeste Lewis

Kwi ntetho yakhe yekomfa lajikelele, iGosa Dallin H. Oaks weQumrhu labaPositile wathetha ngeenkqubo "ezilungileyo ezibhetele ukulunga, nezilunge ngaphezulu kakhulu." Xa efika kwibanga elingo "bekela abantwana izinto ezininzi zokwenza," Ndandiqhushalaza sisazela esitulweni sam.

Ndandiyazi ukuba ndenza izinto ezininzi kakhulu. Ndandise midlalweni yeqonga yesikolo, ndithabatha izifundo ezi nzima esikolweni, kwaye ndithabatha inxheba kwezinye iinkqubo eziliqela. Ndandingayihambi kakuhle imicimbi yenkqubo yeCawa yaMantombazana, kwaye iiCawa zam zazixakekile luxanduva lokuza ukugqiba imisebenzi ngemizuzu yokugqibela. Ukuziqhelisa ukusebenzisa umculo kwaye notshintsha iphepha ndaba lesikolo kwakulahlekelwe bubumnandi kwaye kwaba ngumsebenzi.

Intetho kaMdala Oaks yandenza ukuba ndithathe ixesha elihle lokujongisisa isincwangciso sexesha lam lokusebenza. Iinkqubo zam zazilungile, kodwa zazininzi kakhulu. Kwanyanzeleka ukuba ndikhethe ezazilunge kakhulu. Xa ndandizama ukuthatha isigqibo

sokuba ngezphi emandiziyeke, Ndaqonda ukuba ivangeli likaYesu Krestu lalilelona elinkqenqeza phambili njenge nkqubo umntu angakwazi ukuba nayo. Ndabeka umthandazo nezibhalo ezingcwele phezulu kuluhlu locwagciso lwexesha leenkqubo zam, kwaye ukususela ngoko, ubomi bam bubaleka kakuhle nje lula.

Igosa Oaks wandifundisa ukuba xa sisenza into iNkosi efuna ukuba siyenze *kuqala*, yonke enye into eyenye iyakuwela kakuhle endaweni yayo. Ukuba Ndifunda izibhalo ezingcwele ngaphambili kokuba Ndidlale imidlalo okanye Ndenze umsebenzi wam wasekhaya, yonke into ebalulekileyo iyakukwenzekeka. Xa Ndisekela ubomi bam ukuba bungqonge iNkosi, endaweni yokuba ndiMfake njengengcinga yokugqibela, ubomi bam bunomlinganiselo owangezelelekileyo woxolo kunye nempumelelo.

Ngoku Ndinonophele ukumamela ingcebiso enikwa kwikomfa yajikelele!

ABANTWANA

Ndingafumana Iimpindulo kwiKomfa Yajikelele

UMongameli Uchtdorf ufundisa ukuba ucinge geminye imibuzo phambi kokubakho kwekomfa yajikelele, iNkosi ingathetha ngabaprofeti Bayo nabapostile ngexesha lekomfa yajikelele.

1. Njengosapho okanye iklasi, xoxani ngento ekufuneka niyifundile, umntu ngamnye okanye nonke niliqela. (Njengomzekelo: Ndingabomeleza njani ubungqina bam? Ndingalungisa njani ingxaki esesikolweni?) Equntswini le phepha okanye encwadini yakho yobomi yokubhala, bhala imibuzo yakho.
2. Ezivekini ezizayo eziya kwixesha lekomfa, ungacinga kwaye uthandaze ngalemibuzo.
3. Mamela ngononophelo kwikomfa (ingakunceda into yokuba ubhale amanqaku). Emva koko bhala ngokuba iNkosi—ikuncede njani na ngokuphendula imbuzo yakho—ngeenkokheli zeCawa.
4. Kwelinye iphepha, ungazizobela umfanekiso wakho usenza into oyifundileyo.



Ukholo • Usapho • Uncedo

Ukomeleza Amasapho ngoKwandisa uMoya

Funda lo myalezo, kwaye ngokufanelekileyo uxoxe ngawo kunye noodade obandwendwelayo. Sebenzisa lemibuzo ukukunceda womeleze odade bakho kwaye nokukwenza Umbutho wooMama usebenze kwindawo yawo ebomini bakho.

Julie B. Beck, umongameli wajikelele woMbutho wooMama, wathi: “Kukhulile ngaphakathi kum ubungqina obukhulu kakhulu bexabiso labantwana abangamantombazana. . . . Ndizive ingathi kukho imfuneko enkulu kakhulu yokukhulisa ukholo kunye nobulungisa bomntu ngamnye. Akuzange kubekho mfuneko yamasapho namakhaya aqinileyo ukogqitha ngoku.”

Oodade bangancedisa ukwakha amakhaya namasapho anamandla xa bemamela izityhilelo zabo. “Amandla okukwazi ukufanelekela, nokukwamkela, kwaye nokwenza oko kuyalelwa sisityhilelo somntu yeyona nto ihamba yodwa ibubuchule obunokwazi ukufunyanwa kobu bomi,” udade Beck waqhubeka. “Imfanelo yomoya weNkosi iqala ngomnqweno waloo Moya kwaye lonto ithetha ukuba fanele umntu afikelele kwinqanaba elithile lokukufanela nokukulungela oko. Ukugcina imithetho, ukuguka, kwaye nokuhlaziya iminqophiso eyenziwayo xa ubhaptizwa ikhokelelela kwintsikelelo yokusoloko sinoMoya weNkosi kunye nathi. Ukwenza kunye nokugcina iminqophiso yasetempileni kongeza ukomelela komoya kwaye namandla ebomini bebhinqa.

Iimpendulo ezininzi zemibuzo enzima zifunyanwa ngokufunda izibhalo ezingcwele ngenxa yokuba izibhalo ezingcwele zingamayeza okutyhilelwa. . . . Umthandazo warhoqo ngemini uyimfuneko esiseko ukuze sibe noMoya weNkosi kunye nathi.”¹

Kwakhona ngokwenza njalo someleza ngokomoya amalungu osapho lwethu xa sisoloko sibanceda ukuba baqonde icebo likaBawo wethu waseZulwini lanaphakade. “Singenza ntoni ukunceda bhetele ukulungiselela abantwana bethu ngoko moya indima yabo yanaphakade?” “wabuza Igosa M. . Russell Ballard we-Qumrhu LabaPositile Abalishumi eLinesibini. “Mhlawumbi eyona mpendulo iphangaleleyo: Bafundiseni ukuba bayiphile njani na imigaqo yevangeli.” Le mfundiso iza ngokuthandaza rhoqo ngemini, ngokufunda izibhalo ezingcwele, nangexesha lesidlo sosapho kunye nentlanganiso yenjikalanga yosapho ngomvulo kwaye nangokuya eCaweni. Igosa Ballard uyayicacisa: Silungiselela mini le nganye, ngoku, ubomi banaphakade. Ukuba asilungiseleli ngoku ubomi banaphakade kunye noThixo, sizakube silungiselela into

encinane, umhlawumbi into engacacanga engalunganga kakhulu.”²

Kuvela kwiZibhalo eziNgcwele

Imizekeliso 22:6; 1 Yohane 3:22; Imfundiso neMinqophiso 11:13–14; 19:38; 68:25

Kuphuma Embalini Yethu

UMprofeti Joseph Smith wafundisa oodade kwintlanganiso yangoEpreli 1842 yoMbutho wooMama ukuba banomthwalo onzulu oqinisekileyo wokufuna intsindiso eyeyabo. Wathi, “Emva [yam] kwemfundiso, umntu uyathwala uxanduva lwezono zakhe; kungumnqweno obekekileyo ukuba niyakhamba phambili kuka Bawo wasezulwini ukuza nisisindise; sonke sinoxanduva kuThixo ngendlela eziphucula ngayo ukukhanya nobulumko esibuni-kwayo yiNkosi ukuba sibe namandla okuzisindisa.”³ Wabafundisa ukuba babe ngabantu abalungileyo, babe ngabantu abangcwele, kwaye bazilungiselele imimiselo kunye neminqophiso yetempile.

IZIKHUMBUZO

1. Julie B. Beck, “And upon the Handmaids in Those Days Will I Pour Out My Spirit,” *Liahona*, May 2010, 10, 11.
2. M. Russell Ballard, “Spiritual Development,” *Ensign*, Nov. 1978, 65, 66.

***Yintoni Endinokukwazi
Ukuyenza?***

1. Ndingabanceda njani oodade bam ukuba bande ekuzithembeni nokuzimela ngeziqu zabo ngokomoya?

2. Ndingawaphucula njani amandla wam okukwazi ukubona kwaye nokuphendula uMoya oyiNgcwele?

Ukufumana olunye ulwazi, iya ku www.reliefsociety.lds.org.